




(imageless edition)

Level 2

Judith Baker
Wiehan de Jager
Xolisa Guzula
Xhosa / English



Indlela Iindlovu Ezafumana Ngayo Imiboko
Emide
Curious Baby Elephant



Storybooks South Africa

global-asp.github.io/storybooks-southafrica


Indlela Iindlovu Ezafumana Ngayo
Imiboko Emide / Curious Baby Elephant

Written by: Judith Baker

Illustrated by: Wiehan de Jager

Translated by: Xolisa Guzula (xh)

This story originates from the African Storybook (africanstorybook.org) and is brought to you by Storybooks South Africa in an effort to provide children's stories in South Africa's many languages.



This work is licensed under a Creative Commons

[Attribution 3.0 International License](https://creativecommons.org/licenses/by/3.0).

<https://creativecommons.org/licenses/by/3.0>



Sonke siyayazi into yokuba indlovu inomboko omde.

...

Everyone knows that the elephant has a very long nose.



Kodwa kudala umboko wendlovu

wawumfutshane kakhulu futhi utyebile

okweshlangu esibekwe ebusweni bayo.

Wawuyimpumlo nje eqhelekileyo.

...

But a long time ago, the elephant's nose was short and fat. Like a shoe in the middle of its face.



Ngenye imini kwazalwa ithole lendlovu.
Lalinomdla ngayo yonke into. Lalisoloko
linombuzo kwisilwanyana ngasinye.

...

One day a baby elephant was born. She was
curious about everything. She had a question
for every animal.



Impumlo yalo yayinde kangangokuba
yayinokukwazi nokuhlamba umqolo walo
ngamanzi. Ukusukela ngaloo mini, zonke
iindlovu zaba nemiboko emide eluncedo.

...


Her nose was so long she could shower her back
with water. From that day, all elephants had
long and useful trunks.



Lalilangazelela ukwazi ngendlulamthi. "Kutheni unomqala omdede?" labuza kwendlulamthi.

...

She was curious about Giraffe. "Why do you have a long neck?" she asked.



Impumlo yalo yayinde kangangokuba yayinokukwazi ukukha iziqhamo emasebeni aphezulu emithi.

...

Her nose was so long she could pick fruit from high branches.



Lalilangazelela ukwazi ngomkhombe. “Kutheni uneempondo ezitsolo?” Labuza kumkhombe.

...

She was curious about Rhino. “Why does your horn have a sharp point?”



Ithole lendlovu lajonga impumlo yalo. Kodwa lalingakwazi ukubona apho yayiphela khona!

...

Baby Elephant looked at her nose. It was stretched very long. She could not see where it ended!



Lalilangazela ukwazi ngemvubu. "Kutheni unamehlo abomvu nje?" Labuza kwimvubu.

...

She was curious about Hippo. "Why do you have red eyes?" she asked.



Ngokudikwa kukuphuncukwa sisidlo, ingwenya yatshona phantsi kwamazi.

...

Crocodile sunk back into the water. He was cross about losing his dinner.



Kanti lalilangazelela KAKHULU ukwazi ngengwenya. “Ingwenya itya ntoni ngesidlo sangokuhlwa?”

...

And she was VERY curious about Crocodile.
“What does Crocodile eat for dinner?” she asked.



Impumlo yethole lendlovu yanwebeka, yanwebeka, yanwebeka laze. “Dudlu!” lawa labetheka ngomqolo.

...


Baby Elephant’s nose stretched, and stretched, and stretched. Then, “Thud!” she fell on her back.



“Ungakulinge uphinde ubuze umbuzo onjalo!”
wats ho umama walo. Waze wahamba
engatyhilekanga.

...

“Never ask a question like that!” said her
mother. Then she walked off, frowning.



Ithole lendlovu laxhathisa ngemilenze yalo
yangemva eqinileyo, latsala, latsala,
kodwa ingwenya ayatsho ukuliyeka.

...


Baby Elephant sat back on her strong legs and
pulled. She pulled, and pulled. But Crocodile did
not let go of her nose.



Kodwa ngokukhawuleza kwafika uNomyayi owayekrelekrele wathi, “Ndilandele siye emlanjeni. Apho uza kutsho ubone ukuba ingwenya itya ntoni ngesopholo.”

...


Quickly Crow flew down to baby elephant. “Follow me to the river. There you will see what Crocodile eats for dinner,” squawked Crow.



“Xhakamfu!” Impumlo yethole lendlovu yabe sele isezindlathini zengwenya. “Ingwenya iza kutya wena ngesopholo!” Wakhala watsho unomyayi.

...


Then suddenly, “Snap!” Baby Elephant’s nose was caught in Crocodile’s jaws. “Crocodile will eat you for dinner!” squawked Crow, and flew away.



“Goba uze ezantsi ndizokukuxela,” laphendula
ilitye. “Yehla, yehla, kwakhona.” Ngenene ithole
lendlovu lagoba, lehla, laphinda lehla laze.

...

“Bend down and I will tell you,” said the stone.
“Lower, lower,” said the stone. So Baby Elephant
bent down lower, and lower.



Ngenene ithole lendlovu lalandela unomyayi
ukuya emlanjeni.

...

So the baby elephant followed Crow down to the
river.



Lazinyanzela ezingcongolweni laze lema enyeleni yomlambo. Lajonga emanzini. Yayiphi ingwenya?

...

She pushed through the reeds and stood on the bank. She looked into the water. Where was Crocodile?



“Molo,” kwatsho ilitye elalingakwinyele yomlambo. “Ewe,” laphendula ithole lendlovu. “Ungandichazela ukuba ingwenya itya ntoni ngesopholo?”

...

“Hello,” said a stone near the river bank. “Hello,” said Baby Elephant. “Can you tell me what Crocodile eats for dinner?” she asked.